



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

ISIXHOZA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESIBINI (P2)

2016

AMANQAKU: 70

IXESHA: liyure 2

Olu viwo lunamaphepha angama-20.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uqalise ukuphendula imibuzo.
2. MUSA ukuzama ukufunda lonke iphepha lemibuzo. Yiya kwiphepha lesiqulatho elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo uze ukhethe leyo ufunu ukuyiphendula.
3. Eli phepha LINAMACANDELO amaNE:

ICANDELO A: Inoveli	(35)
ICANDELO B: Idrama	(35)
ICANDELO C: Amabali amafutshane	(35)
ICANDELO D: Isihobe	(35)

4. Phendula IMIBUZO EMIBINI iyonke: umbuzo NGAMNYE ukhethwa NAKUWAPHI amacandelo amaBINI.

ICANDELO A: INOVELI
 Phendula umbuzo kwinoveli oyifundileyo.

ICANDELO B: IDRAMA
 Phendula umbuzo kwidrama oyifundileyo.

ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE
 Phendula imibuzo esetwe kumabali amafutshane OMABINI.

ICANDELO D: IMIBONGO
 Phendula imibuzo esetwe kwimibongo YOMIBINI.

5. Sebenzisa itshekhlisi ukuzincedisa.
6. Landela imiyalelo esekuqaleni KWECANDELO NGALINYE ngononophelo.
7. Nombola iimpendulo zakho kanye ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.
8. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
9. Ingcebiso yokulawula ixesha: Sebenzisa imizuzu engama-60 KWICANDELO NGALINYE.
10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

IPHEPHA LESIQUATHO

Eli phepha liza kunceda abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abafuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

ICANDELO A: INOVELI**Phendula imibuzo ekwinoveli oyifundisiweyo.**

INANI LOMBUZO	AMANQAKU	IPHEPHA
1. <i>Kusa Kusihlwa</i>	35	5
2. <i>Umqol' uphandle</i>	35	8

ICANDELO B: IDRAMA**Phendula imibuzo ekwidrama oyifundisiweyo.**

3. <i>Ndiyekeni</i>	35	11
---------------------	----	----

ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kumabali amafutshane.**

4.1 'Kanti Andizenzanga'	17	15
4.2 'Ikhhikhizela laseDangwana'	18	16

ICANDELO D: ISIHOBE**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kwimibongo.**

5.1 'Intaba kaNdoda'	17	18
5.2 'Ukungcwatywa kwetalente'	18	19

ITSHEKHLISTI

ICANDELO	AMANANI EMIBUZO	INANI LEMIBUZO EPHENDU LWAYO	PHAWULA (✓)
A: Inoveli (<i>Kusa Kusihlwa</i>) (<i>Umqol' uphandle</i>)	1–2	1	
OKANYE			
B: Idrama (<i>Ndiyekeni</i>)	3	1	
OKANYE			
C: Amabali amafutshane (<i>'Kanti Andizenzanga'</i>) (<i>'Ikhikhizela laseDangwana'</i>)	4	1	
OKANYE			
D: Isihobe (<i>'Intaba kaNdoda'</i>) (<i>'Ukungcwatywa kwetalente'</i>)	5	1	

QAPHELA: Qinisekisa ukuba uphendule imibuzo kumaCandelo amaBINI kuphela.

ICANDELO A: INOVELI**UMBUZO 1: KUSA KUSIHLWA – nguKS Bongela**

1.1 Funda esi SICATSHULWA A silandelayo uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA A**KUSA KUSIHLWA**

Kwaba bathuthi-ndaba bakaNomakhwezi, ukho lo yena wayeyintshatsheli. Lo yayinguNozililo inkosikazi kaMakhwetshu lo sesikhe seva ngaye. Oku kuhlobana kwabo naxa kuqala kwakubangwe kukuba babekhe basesikolweni kunye kwiminyaka eyadlulayo, kodwa ngoku kuhambe kwanonyawo lwemfene ngakumbi emva kwesi sithwakumbe sale venkile. Into eyayimbi ke kukuba uNomakhwezi yena wayengamqondi uNozililo ukuba yingcuka eyambethe ufele Iwegusha. Nanko ngenye imini encokola naye njengesiqhelo.

'Hi, wethu MaDlamini, ukhe wayiva into ethethwa ngabantu balapha bedibene nabaseGliblands?' itshilo intokazi imana ukumthi xexebu uNomakhwezi mayana igade iliso lakhe.

'Bathini na Nozi? Khawuyenze ntsha ntombi,' waphendula omnye eyeka nokubhala encwadini yamatyala.

'Yhu mntwana wasemzini, abantu banento eninzi yokuthetha. Ubona nje bathi le venkile yenu idulu gqitha, kwaye ayibonani navenkile **kule lokishi** ngobudulu. Andazi nam ukuba yinto abayithatha phi na leyo mntwan' eZizi kuba abazange bona babenevenkile. Ndithe ndakuyiva ndaqonda mhlophe ukuba andinakungakuthi thsuphe ...'

'Bathini, bathi idulu? Ngobani aba bathetha le nto, khona isusele entwenini?'

'Hayi wethu mntwana kaSoluthi ndiyeye ngaleyo; igama lomntu ngamakhulu amahlanu eerandi; andinawo ke. Kodwa bafazi bhinqani omfutshane, kubi phandle apha. Abantu apha phandle abayifuni into entle.'

- 1.1.1 Bathetha bephi uNomakhwezi noNozililo? (1)
- 1.1.2 Chaza esi 'sithwakumbe' kuthethwa ngaso xa kubhekiswa kwivenkile yakwaNtsibande. (2)
- 1.1.3 Libonisa ntoni ngokubhekiselele kwisimo sentlalo ibinzana elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? (2)
- 1.1.4 Bonisa ubugqebelo kumazwi kaNozililo akrwelelwu umgca ngaphantsi. (2)

- 1.1.5 Ukuthengwa kwevenkile ngabantu bakwaNtsibande kuyidale njani impixano phakathi kwabo nabakwaMakhwetshu? (2)
- 1.1.6 Ngoobani abafazi ABABINI ababencedisa uNozililo kwiyelenqe lokuphambanisa uMpumelelo? (2)
- 1.1.7 Ityhila ntoni ngezimo zaba balinganiswa incoko yabo ekwisicatshulwa? (2)
- 1.1.8 Xela indawo akuyo uMpumelelo ngoku esi sibini sikwisicatshulwa sincokolayo. (1)
- 1.1.9 Nika imfundiso efumaneka kobu buhlobu bukaNozililo noNomakhwezi kule noveli. (2)
- 1.1.10 Singqamana njani isihloko sencwadi nokwenzeka kumlinganiswa uMpumelelo ebalini? (2)

KUNYE

- 1.2 Funda esi SICATSHULWA B silandelayo uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA B

Kwalile ngesithuba sentsimbi yethoba kwakho onkqonkqoza apha endlwini kaThamsanqa (wayeselesebenzisa le kaLungile). Ithe yakuvula inkosikazi lo mntu wabuza ukuba umnini-mzi ukho na kuba ebehambele kuye. Uxelelwe ukuba useLusikisiki. Lo mntu akakhange azixele nokuba ungubani na koko uthe ukuphuma kwakhe wee ngqo emotweni eyayime mgama ethinzini.

Emveni koko kuye kwaphuma isithandathu samadoda. Amabini kuwo athe ngqo exhbile emnyango nasefestileni yendlu kaThamsanqa. Ababini kubo baphume bephethe izinto ezibugqongorha zizele yipetroli bee ngqo evenkileni. Ababini bazibeke kwindawo ekuya kuba lula ukubona umntu okanye abantu abezayo ngexesha lomsebenzi lo. Aba bebephethe izixhobo zokulwa.

Ngethamsanqa labo, **izibane ziye zacinywa ngabom ngumnini-venkile**. Le nto bayithathe njengendlela entle emsebenzini wabo. Aba bebephethe amafutha, baqalisile ukunqika ucango ngezingxa. Le nto ithathe ithuba lemizuzu elishumi elinantlanu. Baye bangena belungiselela ukuba baze bayiphose kakuhle ezimpahleni.

Njengokuba bengena bephethe nje eli polisa lingaphakathi lime bucala apha ngasemnyango. Libayeke nje bangena bobabini besaphethe amaggongo la. Ngephanyazo liwubambe ngezandla zozibini umpu omde lawuguqula. Liye lalahla entlafunweni yalo uphambili. Uye wee khatsha phantsi kwachitheka naloo petroli. Ukuggiba apho liye lalahla kulo ungemva owaqala ukujonga kweli cala kuthe gqi esi sithonga.

- 1.2.1 Yeyakwabani le venkile kuthethwa ngayo kwisicatshulwa? (1)
- 1.2.2 Chaza izinto ezafunwa nguNtongana kuThamsanqa mhla wayeze malunga nale venkile. (2)

- 1.2.3 Linika mfanekiso ngqondweni mni ibinzana elinomgca ngaphantsi kwisicatshulwa? (1)
- 1.2.4 Bhala ezi ziganeko zingezantsi ngokwendlela ezilandelelana ngayo ebalini.
- (a) Ukubanjwa kwabantu abathengwe ngooNozililo bezama ukutshisa ivenkile.
 - (b) Ukubanjwa kootsotsi ebebezama ukubulala uMpumelelo.
 - (c) Ukubhubha kukaLungile noNomakhwezi. (3)
- 1.2.5 Bonisa ngeziganeko EZIBINI ukuba uNozililo ngumphembi walo lonke udushe olukule ncwadi. (2)
- 1.2.6 Xela imiqondiso EMIBINI ekwiphupha likaLungile ekrobisa kwisiganeko sokufa kwakhe noNomakhwezi. (2)
- 1.2.7 Nika izinto zibe MBINI ezintle ezechle kubomi bukaMpumelelo. (2)
- 1.2.8 Xela ukuba ukusetyenziswa kwegama 'ngabom' kwisivakalisi esibhalwe ngqindilili kutyhila ukuba ngubani umbalisi. Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.2.9 Bonisa ubunyani bamazwi athi, 'isikhuni sibuye nomkhwezeli' ngokomxholo wale noveli. (2)

[35]

UMBUZO 2: UMQOL'UPHANDLE – PM Ngani

2.1 Funda esi SICATSHULWA C silandelayo uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA C

Ilokishi yaseMonti ivuswe ebuthongweni liphepha-ndaba laloo mini ngeendaba ezibhengeza ukuba:

'BAFUNYENWE BEFILE KWIMOTO EBUBUTYOO'

Inqaku eliphume kwikhisi lokuqala kolo shicilelo livele lisithi, 'Phezolo, uEddie Maga wodumo lwaseMoonglow ekunye noLulama Zuma bafunyenwe **besongene beyintlama** – sebefile emva kwevili lemoto ebubutyobo, kuloo mpengempenge yendlela isuka kwiRio Cinema, ekupheleni kwelokishi yaseZiphunzana.'

Abantu ababephuma kumboniso obukuloo holo bangungene phezu kwaloo mbono umasikizi, behanjelwa yimizimba kukubona imoto ingene yacudiseka kwisibonda seengcingo zogesi. Umkhondo oshiywe ngamavili ubonakalisa ukuba imoto leyo yenze amajikojiko ukuyilahla kwayo indlela phambi kokuba iyokungqubeka kweso sibonda.

'Kufunyenwe imbumbulu ekucingelwa ukuba iphume kwivolovolo eyi-.38 *automatic*. Imbumbulu leyo ifunyenwe ithe qhushe phakathi kokhakayi Iwentloko kaEddie Maga. Ivolovolo yona ayibonwanga. Amapolis asaphanda.'

'Esi sihelegu sehle kubantu ababonwe bekunye eRio, beyinxalenye yaloo nginginya ibizalise kuloo holo, itsalwe yindumasi yomboniso webhayaskophu onembalasane – uNongqawuse.'

'Kuyacaca ukuba baphulukene nobom babo beyindlela egodukayo.' Kanti ke esi siganeko sandulelwwe kwangephezolo elo zizigabza eziqale kwigumbi likaLinda Monti, esona sithandwa saziwayo sikaEddie.

- 2.1.1 Babvela phi uEddie noLulama? (1)
- 2.1.2 Lithetha ukuthini ibinzana elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? (2)
- 2.1.3 Xela isiganeko apho uHlobo athetha amazwi athi, '... umqolo wona uphandle ...' (2)
- 2.1.4 Kutheni ibali liqala ngesi siganeko sokufa kukaEddie noLulama? (2)
- 2.1.5 Sisiphi isikhundla akuso uEddie eMoonglow Night Club? (1)
- 2.1.6 Caphula isivakalisi kwisicatshulwa esenza ukuba uLinda akrokreleke njengombulali kaEddie noLulama. (1)

- 2.1.7 Linika mfanekiso ngqondweni mni ibinzana elingeantsi?
'... ifunyenwe ithe qhushe' (1)
- 2.1.8 Chaza umahluko kwizimvo zabantu baseMonti malunga nesityholo sokubulala esasibekwa uLinda Monti. (2)
- 2.1.9 Landelelanisa ubungqina bophando ngokwendlela athe wabufumana ngayo umlinganiswa uHlolo
(a) Ivolovolo kaLinda eyayikhe yalahlekha.
(b) Illeta eyayibhalwe nguLinda eya kuEddie.
(c) Inenekazi elalinxibe *imink coat* efana nekaLinda Monti. (3)
- 2.1.10 Yintoni injongo yombhali yokusebenzisa uThembisa Ntlokonkulu kweli bali? (2)

KUNYE

2.2 Funda esi SICATSHULWA D silandelayo uze uphendule imibuzo.

SICATSHULWA D

Makhe ndibuze le khaba lakuthi xa **ndingumqobo phambi kweenjongo neminqweno yenu**, yini ukuba ningandikhuphi esihlalweni okanye nasembuthweni ngokwawo?

Eddie mfondini, sesikungenise kakhulu ekhwapheni xa sinokukutykeza emva kokuba singavisisananga ngalo mcimbi, sazi njani ukuba akungebalekeli emapoliseni, uyokusikila, sibanjwe ngaloo ntsangu yethu yebhongo?

Khaba lakuthi noyika into engenamsebenzi. Ukuba ndiyakhutshwa embuthweni ngokwala ukwamkela lo mpoposho wentsangu, ndingarhoxa ngentliziyo engcwengileyo, ndiniyeke nenze ethandwe nini ngombutho wenu. Yona eyeshishini lentsangu andiyingene.

Kambe ke mandiniphe imbilini yam ngalo mbandela wentsangu–njengoko ndisoloko ndinicacisela xa nindiphimisayo ngawo: Niyazazi iinjongo zethu xa sasiseka *iMoonglow Night Club*. Sasisithi sifuna ukwenza indawo apho abantu banokuhla ziya iingqondo zabo ngexesha labo lokuphumla. Amagunya okuwuqhuba lo mbutho sawanikwa ngokwaziwa ukuba singabanezo njongo ziphile kangako. Mna ke andikaguquki kwezo njongo.

Mbungu mni na wona lo wentsangu sifuna ukuwufaka ebantwini? Indawo yolonwabo nempilo singathini ukuyijika siyenze umsitho wakwaLambathayo?

Intsangu inemali–nam ndiyavuma, kodwa ke ziyintoni iziphumo zayo kothe wayitshaya?

Thina bantu bantsundu silinikiwe namhlanje ilungelo lokufumana nokuthenga utywala njengezinye iintlanga-emva kweminyaka sisikelwe imida.

- 2.2.1 Liqhubeka kuyiphi idolophu eli bali? (1)
- 2.2.2 Bhala isisongelo esenziwe ngamalungu aseMoonglow emva kwale ngxoxo ikwisicatshulwa. (1)
- 2.2.3 Anika ntsingiselo ni ngokwebali amazwi kaEddie abhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? (2)
- 2.2.4 Xela izinto EZIMBINI ezavelayo akuwa uHlobo mhla wayese*Moonglow Night Club*. (2)
- 2.2.5 Cacisa ukuba ukungaphumeleli kwenjongo kaHlobo yokuya e*Femina House* kuliqhubele phambili njani ibali. (2)
- 2.2.6 Chaza isimo sentlalo sase*Moonglow Night Club*. (2)
- 2.2.7 Yintoni injongo yokuba abalinganiswa bazithethelle ngokwabo kwesi sicatshulwa? (2)
- 2.2.8 Nika iimpawu zibe MBINI zomlinganiswa onguEddie. (2)
- 2.2.9 Ingaba kufanelekile ukuba uHlobo abonwe njengomcuphi ogqibileleyo kule ncwadi? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 2.2.10 Bonisa indlela isihloko sencwadi esingqamana ngayo nokubanjwa kwamalungu ase*Moonglow Night Club*. (2)
- [35]**

AMANQAKU ECANDELO A: **35**

ICANDELO B: IDRAMA**UMBUZO 3: NDIYEKENI – DM Jongilanga**

3.1 Funda esi SICATSHULWA E silandelayo uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA E

MAZIKO:	Chief, andihleli kodwa kukho isikhwebu endifuna ukukuchubela sona.
LONI:	Awu! Ngaba yintoni ngoku, mfondini?
MAZIKO:	Izinto zishiy'amehlo, ngakumbi ukuba sithe samana ukungayiqondi imicimbi enebatha.
LONI:	Mfondini! Qhuba ndiphulaphule.
MAZIKO:	Kudala ndikuxelela ngoNdila lo ukuba umsebenzi wakho omhle uwufuthanisela ngomzondo.
LONI:	Njani Duka?
MAZIKO:	Dlamini ubuxhwane kuwe bendele okweengcambu zomdiliya ude ungayiboni nengozi esemnyango.
LONI:	Mfondini yek'izagwelo khwel'emcingeni.
MAZIKO:	Uthetha kamnandi. Uyabona ngoku sisandul'ukungena isikolo uzulalele ukuthi gqi kukaLiziwe. Akakho klasini ngoku. UNdila umthume umqabulo esirhoxweni. Inene uza kubon'imihlola.
LONI:	Akacingi, akacingi ukusenza ibhari esi sikolo.
MAZIKO:	Ukungacingi yenze into, selecinge wadwala. Izigede zamakhoba kwikhabhathi yakhe zicul'ingoma yomoya.
LONI:	<u>Izembe lidla ngokubuyela kumninilo ukuba uyakuqobola ukugawula.</u> Kudala ndimcebisa uNdila. Ngoku ndingxamele ukusela amanzi.
MAZIKO:	Awunakujika umlambo elwagcibeni.
LONI:	Ndifanele Duka ndibethwa kukuhlohlwa kwale ndoda inxila injalo.
MAZIKO:	Ihlohlwa nini, phi, isoloko yambethwe yingcal-a-ncala nje intsasa yonke? Ukuba usacinga ukumcebisa, uya kuba uphand' idlaka. Into yokuzama ukumlumla emithonjeni yintsindabadala eyongamele nabanzanwayo ngokwabo.
LONI:	Unyanisile Duka. Akasabuseli ngoku uyabutya. Bumtyebise babuya bamsenga.
MAZIKO:	(ephakama) Akanakuba sancedwa Chief ngoku. Uyikhwele ke ingwe, ukuhla kuyo ngokwakhe kunobungozi obuntanganye namhla yamtyekeza ngokwayo – Nankuya uLiziwe esiza Chief.

- 3.1.1 Iqhubeka phi le ngxoxo yesi sibini? (1)
- 3.1.2 Caphula igama kwisicatshulwa elityhila ukuba uLoni ngumlinganiswa ohlonitshiweyo nguMaziko. (1)
- 3.1.3 Cacisa injongo yokusetyenziswa kwamazwi abhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)
- 3.1.4 Nika ubungqina bokuba uLiziwe uzotywe wangumlinganiswa ongenanyani. (1)
- 3.1.5 Xela isiganeko esehlele uNdila emva kwale ngxoxo ikwesi sicutshulwa. (1)
- 3.1.6 Chonga isafobe kwesi sivakalisi singezantsi.
 Dlamini ubuxhwane kuwe bendele okweengcambu zomdiliya ude ungayiboni nengozi esemnyango. (1)
- 3.1.7 Khetha umbalisi wedrama kwezi zilandelayo:
 A Ibaliswa ngumbhali.
 B Ibaliswa ngumlinganiswa.
 C Abalinganiswa bazithethela ngokwabo.
 D Abalinganiswa babalisa ngokwabo. (1)
- 3.1.8 Bonisa ubugqebelo kumazwi kaLoni akrwelelwe umgca ngaphantsi. (2)
- 3.1.9 Xela ukuba luluphi udidi lomdlalo olu. (1)
- 3.1.10 Nika iinzame zibe MBINI ezenziwe nguFuneka ukudibanisa uZanele noLoni. (2)
- 3.1.11 Chaza indima edlalwe nguMaziko kulo mdlalo. Xhasa impendulo yakho. (2)
- 3.1.12 Sibe yintoni isiphelo sikaFuneka ngokwasencwadini? (1)
- 3.1.13 Chaza indlela esonjuluwe ngayo impixano ephakathi koLoni noNdila kulo mdlalo. (2)

KUNYE

3.2 Funda esi SICATSHULWA F silandelayo uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA F

(*Sekudlule unyaka uMnu. Ndila selefundisa eNxarhuni. Sibona uFuneka Matiwane noZanele Nxusani besidla amathole eendaba kwindlu abahlala kuyo kwa-N.U. 3 eMdantsane. Aba bantu bahleli ngembizana ephakelwa eziglasini.*)

FUNEKA: Zanele tshomi, budle ubomi. Mna ndibudlile ubomi bobuntombi andinasikrokro, ndaye ndiseza kubudla ithuba lisavuma.

ZANELE: Ha! Suk'apha wethu. Mna ndifuna ukutshintsha ifani. Andidlali nje ndidlala ndijonge entaben (*Atsho baqwanye begqibezela iziselo*).

FUNEKA: Kanti ke indlela eya entaben kukubhabhisa intaka eneentsiba, umgibe wakho womelele okwentambo zegesi.

ZANELE: Wethu! Mna ndisaswele amacebo okubhabhisa iingqanga.

FUNEKA: Ingqanga? Ibinani yona ipikoko?

ZANELE: Utsho kum xa utshoyo kukutya kwam oko.

FUNEKA: Maye! **Yiva apha sityhamtyhamndini**, ndi-

ZANELE: Wanna! Ungayinyatheli emsileni, hleze ushunquke umsila.

FUNEKA: Unjani na wethu? Ndathi ndizama ukukufundisa, iindlela zokuphila, kweli gada ungadingi lubisi ungenazo nje iimazi, suke uvuke umnyele.

ZANELE: Uyaqala ke ukuthetha tshomi (*Bahleke bengqubanisa iiglasi*) Utsho usithini ke ntanga? Betha koozekazi.

FUNEKA: Nanku uMawonga, umyekele ntoni?

ZANELE: Mfondini ungandileqisi amahlungulu.

FUNEKA: Wanna! Yingqanga leyo ingwe yezixhobo, untsho kwiinkozi.

ZANELE: Njengokuba ingathi ngumdlankuku nje lowo ubanjwa phi? Kudala ndimlindele sendifun'ukuncama ngoku.

FUNEKA: Thul'ufe sana. UMawonga ngowakho ngoku. Yekela kum wena lo mdlalo ndiwuqhelile.

(Kwesi sithuba kungena uJerry Deyi engankqonkqozanga)

FUNEKA: Ngubani lo udela indlu yam?

JERRY: Ubulindele bani mkhaya?

3.2.1 Xela umsebenzi womyalelo weqonga okrwelelw umgca
(1)
ngaphantsi.

3.2.2 Uphangela phi uNdila ngexesha lale ngxoxo ikwesi sicatshulwa? (1)

- 3.2.3 Nggina ukuba uZanele uwathathe njengendelelo la mazwi abhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)
- 3.2.4 Ungathi uJerry ungumlinganisa onjani? (1)
- 3.2.5 Bhala ezi ziganeko zingezantsi ngokwendlela ezilandelelana ngayo ebalini.
- (a) Ukuhambela kukaMaziko kwaMadala.
 - (b) Ukucelwa kukaLoni ukuba azirhoxele emsebenzini.
 - (c) Ukuhambela kukaMaziko kwaNdila. (3)
- 3.2.6 Chaza ukuba uzotywe njengomlinganisa onjani uZanele ngokwale ncoko yakhe noFuneka. Xhasa impendulo yakho. (2)
- 3.2.7 Senzo sini esenziwe nguJerry ukufaka uMawonga emgibeni wooFuneka ngomhla wetheko? (1)
- 3.2.8 UNdila akayiboni into eza kujika yenzakalise kwayena. Nggina oku ngokubhekiselele kwisiphelo sakhe. (2)
- 3.2.9 Chaza indlela isenzo sikaMadala sokuthethelela uNdila esikhulise ngayo impixano phakathi kukaLoni noNdila. (2)
- 3.2.10 Ingaba isiggibo sentlanganiso sokugxotha uNdila sasifanelekile? Xhasa impendulo yakho. (2)
- [35]**

AMANQAKU ECANDELO B: **35**

ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**UMBUZO 4: NDAKUYICELA IVUTHIWE – LL Ngewu and EZ Guqa****4.1 'KANTI ANDIZENZANGA' – EZ Guqa**

Funda esi SICATSHULWA G silandelayo uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA G

Ufike uNtandoyakhe wasiphalaza isiggibo sembizo ekho nalowo ubechwethelwa phaya kude. Uphulaphule uMaDosini waza wathi apho uphopho lo athe tya khona, waphendula uMntuyedwa engacelwanga ngelithi:

'Bawo, andisiva kakuhle mna esi siggibo senziwe yimbizo. Eyona kanye nto ndigxothelwa yona apha ekhaya yintoni?' 'Hayi kukho uloyiko oluvakaliswe ngamadoda ukuba abantwana bale lali bangalandela lo mkhuba wakho'. 'Ngowuphi kanye lo mkhuba wam?' 'Ngulo mkhuba wokuthi ukhangeleka ngembonakalo uyindoda zibe zona izimbo zidiza ukuba ukekelele kwicala lobufazi'. 'Tata, andizithandelanga ukuba ndibe nje, yaye andikwazi ukuba yiyo le nto ndingeyiyo'. 'Mna andizanga kuvusa mbizo kweli khaya. Into nje endiyizeleyo kukugqithisa isiggibo sembizo.'

*'Hayi bawo andizami kuvusa mbizo apha koko ndibona nje into enokuhamba ibeyingozi emva kwexesha xa ingangandwa kwangethuba. Uninzi lwamadoda aneendevu, koko wena akukho nethemba lokuba uya kuza uvuzwe ngeendevu. Ndinqinisekile ukuba ungakhathazeka gqitha xa unokugxothwa apha elalini ugxothelewa into ongenakuzinceda kuyo. Ngokunjalo ingabuhlungu ukuba abantu abangamanxele bangabukulwa ngamanene ngenxa nje yobunxele babo. **Ndingathini ukwenziwa isigculelo ngento endingazikhethelanga yona.** Ndidaliwe andizenzi. Ingathi abantu kufuneka bendamkele ngolu hlobo ndilulo. Akukho nto inokundonwabis apha ebomini ngaphezu kwento yokuba abantu baqonde ukuba ndiyile nto ndiyiyo nje andizenzanga.'*

- 4.1.1 Sithini isiggibo esasize kuphalazwa nguNtandoyakhe? (2)
- 4.1.2 Chaza unobangela wesiggibo senkundla ngokutsho kukaNtandoyakhe. (1)
- 4.1.3 Ibonisa ntoni le ntshukumo yokuqubuda andumzele amadoda akukhetha ukuba ngumntu wasetyhini uMntuyedwa? (1)
- 4.1.4 Nika impendulo eyanikwa nguMaDosini kuNtandoyakhe ebonisa ukuba isiggibo samadoda asiphikiswa eSikhobeni. (2)
- 4.1.5 Zalanisa igama likaMntuyedwa nesimo sakhe ngokwasebalini. (2)

- 4.1.6 Bhala ezi ziganeko zingezantsi ngokwendlela ezilandelelana ngayo ebalini:
- (a) Ukubizwa kwembizo komkhulu kukhalinyelwa isimo sikaMntuyedwa.
 - (b) Ukuya kukaMaDosini kwaMfundisi.
 - (c) Ukubizelwa kukaMntuyedwa embizweni ngamakhwenkwe. (3)
- 4.1.7 Xela abalinganiswa abangabaxhasi bakaMntuyedwa kule mo yakhe. (2)
- 4.1.8 Chaza isimo sentlalo saseSikhobeni ngokubhekiselele kumalungelo oomama. (2)
- 4.1.9 Myalezo mni ogqithiswa ngumbhali kweli bali? (2)

KUNYE

4.2 'IKHIKIZELA LASEDANGWANA' – LL Ngewu

Funda esi SICATSHULWA H silandelayo uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA H

Ngentsimbi yesithoba njalo unina ucele ukuba bakhe benze umthandazo babulele kuSombawo ngezinto abababalwe ngazo ebomini. Umfazi womanyano lwaseWesile wothuke wabanda kukuqaphela ukuba unyana wakhe akazi nowathwethwa ngomthandazo weNkosi. Eneneni akwazeki nokuba urheme ukrwitshwe ngamazwi emqaleni akuqond' ukuba akukho nto ibalaseleyo ngobomi bakhe angayibalisela umntu.

Banele nje ukuggiba ukuthandaza uMaKheswa wayikhomba kwigumbi layo le ndedeba. Uyikhanyisele isibane, wayikhombis' ibhedi wayishiya apha ngokukhawuleza ebonakala ukuba usaphethwe lidyudyu.

Unkabi ukhe wema umzuzu engaqinisekanga nokuba makalale na nokuba akhe agqobh' ilali ekhangela izihlobo zakhe zamandulo. Umdla wakhe utsalwe ziincwadi zakhe ebeziphezu kwetafile awayedla ngokwenzela kuyo umsebenzi wakhe wesikolo. **Utsale isitulo ebesele luthuli wasisondeza kule tafile wachopha phezu kwaso.** Uthabathe incwadi yakhe ibingaphezulu kwezinye waqaphela ukuba kulapho wayesenzo khona umsebenzi wakhe wesiNgesi. Uyityhilile unkabi encume olugoso wathethela phantsi esithi, '*Tyhini madoda, ndandingembanga noko apha esiNgesini, mhlawumbi ngendingumagrazula wegqwetha ngoku!*' Uyityhilile le ncwadi esazele luncumo wonke luzuko lwakhe lwamhla mnene wada waphndlwa ngamazwi ababewafundiswa ukuba bawacengceleze qho phambi kwesifundo sesiNgesi.

- 4.2.1 Xela ilali eliqhubeka kuyo eli bali? (1)
- 4.2.2 Wafika xesha liphi uFanabekho kokwabo? (1)

- 4.2.3 Chaza inkangeleko yesinxibo sikaFanabekho mhla wayefika kokwabo evela eTinarha. (2)
- 4.2.4 Ngumfanekiso-ngqondweni mni oziswa sisivakalisi esibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? (1)
- 4.2.5 Chonga isafobe kwesi sivakalisi singezantsi.
Eneneni akwazeki nokuba urheme ukrwitshwe ngamazwi emqaleni akuqond' ukuba akukho nto ibalaseleyo ngobomi bakhe ... (1)
- 4.2.6 Nika isizathu sokuba uFanabekho asoloko ebuka iifoto zakhe zobuntwana. (1)
- 4.2.7 Xela izenzo zibe ZIBINI ezibonisa ukuba uFanabekho ungumlinganiswa ongalikhathalelanga ikhaya. (2)
- 4.2.8 Ntsingiselo ni enikwa libinzana elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa? (2)
- 4.2.9 Luluphi udidi lwempixano ebonakala kwiingxoxo zikaMakheswa noFanabekho kweli bali? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 4.2.10 Khetha oyena mbalisi wesi sicatshulwa kwezi mpendulo zilandelayo:
A Ngumbhali
B Ngumlinganiswa
C Abalinganiswa bazithethela ngokwabo
D Ngumbhali nomlinganiswa (1)
- 4.2.11 Igama elikwisihloko 'ikhikhizela' libhekisa kubani ebalini? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 4.2.12 Ingaba isigqibo sikaMaKheswa sokwamkela uFanabekho sasifanelekile? Xhasa impendulo yakho. (2)
- [35]

AMANQAKU ECANDELO C: **35**

ICANDELO D: ISIHOBE

Phendula imibuzwana YOMIBINI.

UMBUZO 5: VUKANI MADODA KUSILE – A Stemela: Umhleli

- 5.1 Funda isicatshulwa sombongo esilandelayo uze uphendule imibuzo.

Intaba kaNdoda – LS Ngcangata

- | | |
|----|---|
| 1 | Ngxatsho-o-o-o-ke, mzi wasemaXhoseni! |
| 2 | Ngxatsho-o-o-o-ke, hlanga lwakwaluhlanga! |
| 3 | <u>Ndithetha nani, zidwesha namagqiyakazi.</u> |
| 4 | <u>Ndibhekisa nakuni, mlisela nomthnjana.</u> |
| 5 | Yintaba kaNdoda intaba yeentaba. |
| 6 | Yintab'encoph'isondel'ezulwini. |
| 7 | Yintab'ezinyaswe ngamahlath' akwaHoho, |
| 8 | Inge ithozamel'ukuthandazel'imvula. |
| 9 | Kulapho kutsholoz'iintaka neenyamakazi, |
| 10 | Ngokungathi zidumis'uQamata ngesihomo; |
| 11 | Zimzukisa ngokudala le ntaba kaNdoda; |
| 12 | Zimbamba ngazibini ngobukho nobunjani bayo. |
| 13 | Sinelunda isizwe sikaXhosa ngale ntaba. |
| 14 | Yintab'esiya kuqhaisa ngayo ezizweni. |
| 15 | Asinakuba manyonywana zisakuyikhankany'iintlanga, |
| 16 | Kuba yintab'engundoqo weembali zakwaRharhabe. |
| 17 | Ntabandini ukuba ubukhula ngendithetha ndophele. |
| 18 | Ndithi ngendityibela, ndityondyotha, ndityatyadula. |
| 19 | Ngendisithi khul'ud'ukhuluphale kodwa ungakhokhobi. |
| 20 | Ngendisithi khul'ud'ufike khon'ezulwini. |

- | | | |
|-------|--|-----|
| 5.1.1 | Nika umsebenzi wegama u 'Ngxatsho-o-o-o-ke' okumqolo woku-1 nowesi-2. | (1) |
| 5.1.2 | Luhlobo luni lophindaphindo olukrwelelwe umgca ngaphantsi kumqolo wesi-3 nowesi-4? | (1) |
| 5.1.3 | Nika intsingiselo yomqolo wesi-5. | (2) |
| 5.1.4 | Tyhila okupuhliswa ngumqolo wesi- 6 ngale ntaba. | (2) |
| 5.1.5 | Mfanekiso-ngqondweni mni okumqolo we-9? Xhasa impendulo yakho. | (2) |
| 5.1.6 | Safobe sini esifumaneka kumqolo we-10? | (1) |

- 5.1.7 Xela ukuba ibaluleke ngantoni le ntaba kwaXhosa ngokwakwisitanza sesi-4. (2)
- 5.1.8 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:
Igama 'Ntabandini' elibhalwe ngqindilili kumqolo we-17 libonisa ukuba:
 A Imbongi iyayincoma le ntaba.
 B Imbongi iyayikhuza le ntaba.
 C Imbongi iyayicenga le ntaba.
 D Imbongi iyayithuka le ntaba. (1)
- 5.1.9 Chonga isandi esiphindaphindiweyo kumqolo we-19, uze uxele olo hlobo lophindaphindo. (2)
- 5.1.10 Nika ingongoma ephambili yesitanza sesi-5. (2)
- 5.1.11 Unjani umoya wembongi kulo mbongo? (2)

KUNYE

5.2 Funda lo mbongo ulandelayo uze uphendule imibuzo.

Ukungcwatya kwetalente – C Nqakula

- 1 Ndithi ndakucinga indlela endiphila ngayo emhlabeni,
- 2 Ubomi endingenako ukuthetha ngabo ngeqhaya,
- 3 Kuba kungekho msebenzi mhle endithi ndiyawushiya
- 4 Njengokuba sendisondele kangakanana ngoku ekufeni,
- 5 Ndiqonde ukuba bendifokuzidla okukhulu emphefumlweni
- 6 Okwenze ukuba ndingabinasipho ndisinikezela eluntwini
- 7 Ngeenjongo zokuphucula isizwe sam ezizweni,
- 8 Ukuze singabisosizwe sabangqibi, sihluthe esiswini.

- 9 Umntu ngamnye **uyintsika** nomsimalelo wabanye,
- 10 Kumntu ngamnye ebomini kulindeleke imisebenzi
- 11 Eza nempucuko nempumelelo nempilo nakwabanye,
- 12 Kuba kaloku sonke emhlabeni singabakhonzi.

- 13 Inkonzo yethu mayityhutyhe ilizwe;
- 14 litalente zethu mazikhonze isizwe.

- 5.2.1 Chonga igama elithetha into enye no'ngebhongo'. (1)
- 5.2.2 Caphula ubungqina bokuba imbongi ithetha egameni lesithethi kulo mbongo. (1)
- 5.2.3 Ibufumanise bunjani ubomi bayo imbongi xa icinga ngabo?
Xhasa impendulo yakho. (2)

- 5.2.4 Luluphi udidi lo mbongo olu? (1)
- 5.2.5 Cacisa okuthethwa yimbongi kumqolo wesi-8. (2)
- 5.2.6 Sinika luvo luni isafobe esibhalwe ngqindilili kumbongo? (2)
- 5.2.7 Bhala imvano-siphelo ekwisitanza sesi-2. (1)
- 5.2.8 Tshatisa ingongoma ephambili ekuKHOLAM B nohlobo lwemiqolo ekuKHOLAM A.

KHOLAM A	KHOLAM B
(a) Kwiokthevu	(i) Kunikwa isisombululo.
(b) Kwikwatre ni	(ii) Kuthethwa ngobomi bembongi.
(c) Kwisesthethi	(iii) Kuvuselelwa ubuntu. (iv) Kunconywa ubomi. (3)

- 5.2.9 Thelekisa umoya wembongi kwisitanza soku-1 nesesi-3. (2)
- 5.2.10 Nika imfundiso edluliswa yimbongi kulo mbongo. (2)

AMANQAKU ECANDELO D: 35
AMANQAKU EWONKE: 70